Isalathiso: 20170217-8052
13/2/3
Imibuzo: NF Sobetwa-Magodla

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0006/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kuBaphathi aBanika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi bezeNgcaciso, uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko ezemfundo

Isihloko: Ukulawulwa kwezitenxo zovavanyo kwinqanaba lesithili

1. Le ngcaciso imfutshane ithatha indawo yeNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo 0024/2009 engoLawulo lwezitenxo zovavanyo kwinqanaba lesithili.

2. NgokweMimiselo *Regulations pertaining to the Conduct, Administration and Management of Assessment for the National Senior Certificate* eyapapashwa kwiGazethi kaRhulumente 31337, eyafakelwa izilungiso nge-16 Meyi 2014, isithili ngasinye kulindeleke ukuba siseke iKomiti yeSithili yoKusingatha iZitenxo (*District Assessment Irregularities Committee (DAIC)*).

3. I-*DAIC* yikomiti ehlonyelwe kwiKomiti yePhondo yeZitenxo zoVavanyo (*Provincial Examinations Irregularities Committee (PEIC)* esebenza phantsi kolawulo lwe-*PEIC*, ize inike ingxelo ngokuqhubekayo rhoqo, kwi-*PEIC*. I-*PEIC* iya kuhlanganisa ingcaciso evela kuzo zonke ii-*DAICs* yaye ingenise ingxelo yephondo kwiKomiti yePhondo yeZitenxo zeeMviwo kaZwelonke (*National Examinations Irregularities Committee (NEIC)*).

4. I-*DAIC* iya kujongana nazo zonke izitenxo zovavanyo kwinqanaba le-*General Education and Training (GET)*, ele-*Further Education and Training (FET) nele-Adult Basic Education and Training* (*ABET),* yaye iya kudlala indima enkulu yokujongana nezitenxo ezimalunga neeMvavanyo zikaZwelonke, iimvavanyo zephondo neemvavanyo eziqhubekela ezikolweni *(school-based assessments (SBA)*).

5. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukubonelela ngesikhokelo *(**Addendum A**)* esingeendlela zokulawulwa kwezitenxo zovavanyo kwinqanaba lesithili.

6. Apha kule ngcaciso imfutshane kukwaqhotyoshelwe **nesiHlomelo B**, esingumzobo (*flow diagram*) obonisa ukuba mazilawulwe njani na izitenxo zovavanyo yi-*DAIC* ngethuba lokubhalwa kweemviwo neemvavanyo.

7. Bayacelwa abalawuli bezithili ukuba bazise okukule ngcaciso imfutshane onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-03-15